



# NQANDA UKUZINGELA NGEMIGIBE ( IGQAKRA / SATHAMBA )

## UKUZINGELA NGEMIGIBE AKUKHO MTHETHWENI

- Umgibe sisixhobo sokurhinyela, esenziwe ngentambo okanye ucingo, esisetyenziselwa ukubambisa isilwanyana
- Akukho mthethweni ukuzingela ngaphandle kwephepha-mvume kunye nokuzingela ngemigibe
- Ungabanjwa okanye ufumane isohlwayo udliwe
- Ungaphulukana nomsebenzi wakho



## UKUZINGELA NGEMIGIBE KUNGABAYINGOZI EBANTWINI

- Ukutya inyama yasendle kungakugulisa kakhulu. Ngamanye amaxesha, inyama yasendle ifunyanwa kwizilwanyana ezibolileyo okanye ezigulayo. Awunakuze uqiniseke ukuba le nyama ikulungele ukutyiwa
- Izilwanyana ezonzakeleyo ziphuncuke kwimigibe zingagqibela zizingela izilwanyana zasekhaya kwanemfuyo
- Zinganobungozi izilwanyana ezonzakaleyo eziphuncuke kwimigibe



## UKUZINGELA NGEMIGIBE KONAKALISA INDALO

- Imigibe ayinakho ukuzikhethela isilwanyana emayizirhinyele kwaye kugqibela kubanjwe isilwanyana 'esingesiso' emgibeni, ukuquka izilwanyana ezizingelayo, izilwanyana zasekhaya nemfuyo
- Imigibe idala inkcitho kwaye imizimba yezilwanyana ezifileyo igqibela ibola
- Imigibe ayilunganga kwizilwanyana ezizingelayo ngenxa yokuba inqabisa ukutya kwezingwe, iingqawa nezinye izilwanyana
- Ukuzingela ngemigibe akuyilondolosi indalo. Kulimaza indalo kwaye kuyihlutha ukwahluka-hluka nokutyeba kwayo



## SINGEDENI YEKANI UKUZINGELA NGEMIGIBE

- Yazisa abaphathi bendawo ngemigibe ekhoyo
- Susa imigibe kwindalo
- Fundisa abahlobo nosapho ngobungozi bokuzingela ngemigibe nangemiphumela emibi abajongene nayo abantu abazingela ngemigibe
- Cinga ngezinye iindlela zokufumana ukutya, ezifana nokufuya iinkukhu okanye ukulima iimbotyi



CAPE  
LEOPARD  
TRUST

mouton  
foundation